



Uncumo luka Sizwe

Vianne Venter, Genevieve Terblanche & Lauren Rycroft

Uncumo luka Sizwe

Umnikazi walencwadi ngu





Uncumo luka Sizwe

(Sizwe's Smile)

Illustrated by Genevieve Terblanche

Written by Vianne Venter

Designed by Lauren Rycroft

with the help of the Book Dash participants at Cape Town on 28 June 2014.

Translated into Xhosa by Zolile Tricarter Kalashe

ISBN: 978-1-928318-79-8

Typeset in Averia Serif

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (<http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/>). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.

No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.

Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.

No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.

Uncumo luka Sizwe

Vianne Venter, Genevieve Terblanche & Lauren Rycroft



Kwakunetha kangangee ntsuku ezininzi, kwaye wonke umntu wayenobunjalane. Wonke umntu ngaphandle ko Sizwe, ovuka ngoncumo njalo ekuseni.

“Yoh! Sizwe! Oloncumo lingumlingo!”
watsho Umakhulu.

“Ingaba yeyam?”

U-Sizwe waqhwaba izandla zakhe
ngaphezulu komlomo wakhe.

“Kodwa luncumo LWAM, Makhulu,” wasebeza.



Wahleka umama wakhe. “Sizwe! Uncumo yinto onganikezela ngalo ngaphandle kokulahlekelwa lulo. Jonga!”

Wamphakamisela esipilini. Nalo ke oloncumo lwakhe, luqaqambe njengangaphambili.



Yayilixesha lokuphumela ngaphandle.
U-Mama waqhobosha idyasi yemvula
ka Sizwe nabo ke behamba, emvuleni,
ukuya kutsho kwindlu yeencwadi.

Kumazantsi esitrato, umhlobo omkhulu
kaSizwe ongu Zanele ume efestileni yendlu
yakhe, ujonge ngokudanileyo emvuleni.

U-Sizwe uve ngoncumo lwakhe luthwethwa,
luthwethwela phezulu. Ngaphambi kokuba azi,
uncumo lwakhe LWAPHUMELA ngaphandle, kwaye
wabaleka enqumla isitiya ukuya kutsho ku Zanele.



U-Zanele wabambelela ngokuqinileyo kuncumo –
lwalu xabiseke kakhulu ukuba aluyeke luhambe.

Njengokuba uSizwe ehambela kude ukuya kutsho
kwindlu yeencwadi, intsimbi yokuvula umnyango
ka Zanele yakhala. Yayingunoposi, eneleta
esuka kumzala wakhe amthanda kakhulu.

U-Zanele wayevuya kakhulu, kangangokuba uncumo
lwakhe lwaphuma, kwaye lwasasazeka kunoposi.

“Ndiyabulela, Mnumzana uNoposi!” watsho.



Uncumo luka Zanele yayiyeyona nto yakhe yaqaqamba eyabonwa ngunoposi okoko kusile. Lwamgcina efudumele njengokuba ehamfula emvuleni.

Wafikelela kwindlu enkulu. Ngaphakathi egeyithini,inja yayijikeleza ngokungqongileyo isenza izangqa, ikhonotha, ikhonkotha, ikhonkotha. Yayigeza, kangangokuba unoposi wayengenako ukuzibamba ngokuncuma.

Uncumo lwabetheka lugqitha egeyithini lunokumenyezela kovuyo.



Inja yayeka ukukhonkotha. Wayithi mvi ezindlebeni zayo kwaye wayibungezela umsila wayo. Emva koko wajika kwaye wabaleka ukubuyela endlini enoncumo oluxabisekileyi, olufudumeleyo.

Indoda endala enomqolo ogobileyo yavula umnyango. “Oh, hayi! Nguwe awunako ukungena ngaphakathi. Umanzi wonke!” wayixelela inja. Kodwa ngoko nangoko, uncumo lwakhazimla kwindoda endala.



Indoda endala yema ngokuphakamileyo kancinane. “Eish,” yatsho, “Ngubani okhathalayo ukuba kuyanetha? Masithathe uhambo mfana!” Nabo ke behamba begxampuza eludakeni.

Apho, kwindawo yokunqumla abahambi ngeenyawo enemibala yeqwarha, kwakume ngobunjalane uNksz Makabela, ipolisa lendlela. Wayekhangeleka egodola, kwaye emanzi, kwaye engonwabanga.

Indoda endala yayisazi ukuba mayithini. “Molo, Nksz Makabela!” Yambiza, kwaye yancuma olona ncumo lukhulu, oluqaqambileyo kakhulu.

Kodwa uNksz Makabela... zange alubuyisele uncumo.



Ukuma emvuleni kangangee ntsuku ezininzi
kungenza ubuso bubelusizi, bubelusizi,
bubelusizi. Kodwa uncumo yinto enomlingo,
ukuza kutsho ngoku uncumo lwaluqine kakhulu,
kwaye luqaqambile kakhulu, kangangokuba
kwakunzima kakhulu ukulugcina ngaphakathi.

Zange lusebenze ngoko nangoko, kodwa
kancinane kancinane, lwaqalisa ukuphumela
ngaphandle de, ekugqibeleni...!

Uncumo olukhulu kakhulu lwakhanyisa
ubuso buka Nksz Makabela!

Yakhala intsimbi yesikolo, kwaye abantwana
babaleka ukunqumla indlela. Unksz Makabela
wabeka umqondiso wakhe, kwaye wancuma,
kwaye wancumela wonke umntwana.



Abantwana bancuma koomama kunye
nootata babo, nakoomakhulu babo kunye
nootata kunye nabanakwabo kunye noodade
babo. Bancumela umqhubi webhasi kunye
nomthengi wezinto eziluhlaza kwaye uMama
Makau, wehla ukuyakuncumela umyeni
wakhe, owancumela usodolophu...

Uncumo lwaxhuma kwaye lwaqengqeleka kwaye
lwamenyezela de **WONKE UMNTU** wayencumile
kwaye begigitheka kwaye behlekel phezulu emvuleni.



Kwindlu yeencwadi, yonke into yayithulile
ngaphandle kwesandi semvula.

“Lixesha lokuhamba,” watsho umama ka
Sizwe, etsho evala incwadi yakhe.

“Aw, mama!” watsho uSizwe,
owayephelelwe luncumo.



Kodwa njengokuba bephumela esitratweni...

OWONA MBONO UMHLE!

Wonke umntu edolophini wayelapho!

Wonke umntu

Kwaye BONKE babencumile.



Uncumo lwalubetheka ngokujikelezayo kwaye lwamenyezelela ku Sizwe. Lwamfudumeza, kwaye lwamnyumbaza, kwaye lwarhubuluza ukunyuka, ukunyuka, ukunyuka ukusuka kwiinzwane zakhe... ukuya kutsho PHEZULU kwintloko yakhe. Wayegcwele lulonwabo kangangokuba uncumo lwadubulela ngaphandle, ngokubengezelayo nangokumenzezela okuqaqambileyo.

Kwaye into ethile yatshintsha. Imva kwemini emnyama, enongcwalazi, enemvula ayisaphindanga yabonakala imnyama kwakhona.

Ingaba mhlawumbi...? Ewe! Amafu ahamba, kwaye ilanga elifudumeleyo lakhazimla ukwehlela kubo, ngolona ncumo lukhulu, luqaqambileyo olona lwakhe lwakrelekrele kunalo lonke.



